[Attributed to S. E. K. Mqhayi]: *Umteteli wa Bantu* (16 June 1932), page 9

**U Sutu**

Ndinabantu abaliqela abamana ukundicela, amaxesha ngamaxesha, ukuba mandib'ale into ngo Sutu, nakuba bona babengatanda ukuba mandib'ale ubomi belenkosikazi kangangoko ndinako Mna bendingazifumani ndinako ukukwenza oko. Nanamhlanje ndisenjenje nje ndinetemba lokuncediswa yincwadi yo mhlobo warn, umfi u Diliz' intaba (W.D. Soga), awayeyib'alele kwipepa lesi "Gidimi" somhla wokuqala kwinyanga yom Nga, nyakana ngom-Punzisa, - (1st December 1885). Ndibuye ndanenyweba yokuhlangana nomzukulwana wayo lenkosikazi, e Qombolo kwa Centane, - u Mhlekazi uGawush' i-Gqili (Mnyango Benjamin Sandile); endite indawo endizibuzileyo wandipa kakuhle. U Sutu yintokazi ka Mvanxeni, umTembu ogama limbi lingu Tshatshu, uyise ka Bawana, ozele u Mapasa uyise ka Gungubele, onguyise ku Gcuwa. Lendlu ke yakwa Tshatshu yindlu eyasaloko inobuhlobo obusondele kakulu kuma Rarabe; ngumzi apanga uncedise ngamaxesha embandezelo nengxakeko. Nalentombi yawo ingu Sutu yenze into enqabe kunene kumakosazana aseba Tenjini nakwa wakwa Palo, ukuhlala emzin' ayo, ide isuke incwatyelwe kuwo. Inkoliso yama kosazana kukuti agoduke aye kufela emakayeni awo, ancwhatye lwe kona.

Lentokazi ke apa kwa Rarabe yazekwa ngum Hlekazi u Lwaganda, - ngu Ngqika ke lowo, ese Tyume, masiti kulofama kutiwa ngoku yeka Sik'utshwana (Atwell). Ituba silicingela kufupi ne Mfazwe yama Linde (1819), kuba ngayo way' esel' eko u Sutu engumtshakazi. Indoda yake, u Ngqika wayesel' enabo abanye abafazi, nakuba ngesiko lakwa Xosa babengekabi nakuzala inkosi, kuba babezintombi zabantu abamnyama, oko kukuti, oyise bazo babe ngezizo inkosi. Ute ke u Sutu akuzekwa, wabekwa endaweni yobuk'osikazi kuba eyintombi yobuk'osi belinye icala. Laye ke ilizwe selisazi ukuba nguye oyakuzala indlalifa ebukosini.

Okunene lentokazi ka Tshatshu yamzala[1] unyana, ngomnyaka we 1821, kufupi nokufika kwama Satlani, yamzalela kowayo eba Tenjini, - watiywa igama lokuba Sandile; pofu kwakujoliswe kwinkosi etile ya Pesheya, eyayidumile ngezomini, - u Alexander Omkulu. Ayibanga kupela komtaka Sutu lowo kuba emva kwake kuzelwe u Dondashe, naye angaba wayefunwa ukutiywa ngo Admiral Dundas. Intombi yaba ngu Notobi, no Mhakazi, no Mili.

Yahlala ke lentokazi kulomzi wayo wakwa Rarabe, - kuba u Ngqika lowo, umyeni wayo yint' enkulu ka Mlawu, ngo Yese intokazi ka Xigxa, abe u Mlawu eyint' enkulu ka Rarabe ngo

[1] yamzla

Nojoli, intokazi ka Nomagwayi wase Mbo; abe u Rarabe lowo eku Kunene ku Palo, - inkulu ka Palo ingu Gcaleka. Usihla unyuka nje ke lomzi wakwa Rarabe, uhla unyuka naye, uko kuzo zonke incitakalo zezimfazwe zilurorozi utwele, unyamezele ukwenda. Nakwezi ziyikili zo Nongqawuse upakati kwazo, uyacebisa, uyabenisa ngokomfazi emzin' ake. Kuko ixesha awake (ngokwalentet' intsha) wema kakubi kakulu, wade wapantsa ukupulukana nesihlalo sake esipakamileyo, - pofu engenatyala yena; singati yayikwa bubunxoshanxosha bendoda, kuba ngeloxesha u Ngqika uziselwe intombi yeyona nkosi inkulu eba Tenjini, intombi ka Ndaba ka Zondwa, ka Dlomo, engudade bo Ngub' enchuka. Ngesiko ke ngoku esi Xoseni, umelwe kukuba "udede umhlangala endaweni yenywhagi." Oko kukuti makashenxe u Sutu endaweni yeyona nkosazana yaba Tembu.

Lenkosazana ingu Sutu ke asikuko nokuba ibitandwa ngawo onke ama Mbombo, - abantu baka Ngqika, - u Mbombo yeyona Nkabi ka Ngqika iyincam. Lento yokushenxiswa kwake ebuk'osikazini ayibanga yintoshe, ike yanemigudu yayo nemizamo. Ude u Lwaganda wayisa lento Komkulu kwa Gcaleka, ukuba makuk'ululwe u Sutu kudalwe lenkosazana ebukosikazini. Ngeloxesha ikomkulu lalonganyelwe ngu Zanzolo,

umB'eka ntshiyini bat' uqumbile,

Inkunz' abayik'uz' ukuhlaba ingekahlabi,

- ngu Hintsa ke lowo. I Komkulu ke asimzi usukela pezulu ukutukulula iq'ina owawuliqinile.

Ite isamana ik'angelwa lento nenkontsentse zayo, suke um Hlekazi u Ngqika wagula e Mkubiso akaq'elisela; wati kanti uyakububa nguwo lowo mkuhlane. Isuke intokazi ka Ndaba yaziti sululu yagoduka, imka ingabanga namtwana, - lisuke i Komkulu lase lisuka limqinisela okunye u Sutu intokazi ka Mvanxeni; limqinisela nonyana wake u Sandile ekubeni yindlalifa yakulo Mbombo. Lomnyaka ke wokub'ub'a kuka Ngqika ngowe 1829, ngenyanga ye Nkanga. Usele kaloku umzi wakwa Rarabe wapatwa sisijora so Notonto u Maqoma, no Tyali, no Anta, bepatele inkulu yabo u Sandile, owayese mncinane kanye. Waye u Sutu engashenxanga ezintanjeni zombuso nokumkangelela unyana, kuba wayebonakala ukuba noko akate ngqe ngempilo, nangengqabuko niengabakuluwa aba bake.

Kwalile ngalamnyaka wom-Gca 1841 kwabonakala ukuba inkwenkwe mayibe sendle. Ite ip'uma zabe into zika Ngqika ziyinikela ubukosi bayo, noko zayinikela zisiti, "Nati besibutanda." Zatsho zihambisa zisiti, namhla ke amap'ulo ngawako, amahlati ngawako, inyamakazi zezako, abantu ngabako, inkomo zezako, inyoka zezako; into yonke yeyako.

Kwanga kulungile kwinkosikazi ukuhlala nonyana wayo. Kodwa kute kungepi wagula u Tyali, wab'ub'a; enchwatyelwa kulontlanjana ipakati kwe Gwali ne Tyume, kutiwa ngu Cweya, e Dikeni. O! Kwabonakala ukuba lomtan' enkosi ubulawa ngulonina ungu Sutu, yati inteto ufuna ukubakwelelisa bonke asale yedwa lonyana wake, ngak' oko makagxotwe agoduke. Intoni ke u Sandile, akayip'ulap'ul' oku lonteto imbi ngonina. Kwaba kuyancanywa. Waya ezinza ngokuzinza um-Tembukazi intokazi ka Mvanxeni, saya simkota ngokumkota isizwe sama Ngqika.

Nge Mfazwe ye Zembe eyimfazwe yokuqala neyokuzibula kuka Sandile, asikuko nokuba inkosikazi u Sutu wayeyicasile, koko woyisakala, kuba ya yinempakata nempelekelela ezizezinye, ezinje ngokufunwa kokuwelwa kwe Tyume ngama Ngesi, ingeyiyo into yokuhlaselwa kwe zembe ngu Tsili yodwa. Ute nonyana lo wale nkosikazi ngoku wangati umke kakulu namapakati akowabo amwexula kwingqondo ezinzileyo kanina. Ude ke ngoko wapinda emveni koku wazitsho ba'kada kwi Mfazwe ka Mlanjeni. Ngelixesha u Rulumente wezomini wayesel'eyibonile naye ingqondo ka Sutu ukuba ibanzi, wamnika intambo zokupata isizwe kunye no Napakade (Chas. Brownlee) imantyi enkulu yama Ngqika, ezama ukuke amti gexe bucala u Sandile; koko londawo ayibanga nakupateka kub'eke pi.

Ngesiyikili so Nongqawuse 1857 inkosikazi le yayingecala lama gogotya konke, o Tyala no Soga, koko unyana wasuke wafuna ukukolisa yombini, eyama Tamba neyama Gogotya; waba njalo umzi uyeyela encitakalweni. Ngale "Mfazwe ka Ncayecibi," umfundi uyakunakana ukuba inkosikazi mayibe seyingumntu ok'ulileyo, ongase nako ukucwacwaza emahlatini. Ute ke unyana wayo wayitumela kumpakati wake osesikolweni e Mgwali, u Festile Soga, umkuluwa womfundisi u Tiyo; abe u Soga, uyise wo Festile abo wayengumpakati oyintloko kulo Mbombo. Yaba luvuyo kwisikolo sase Mgwali ukufika kwenkosikazi le pakati kwaso, bavuyo nabafundisi ababelapo, o Revs. J.F. Cumming (Komen'omdala), no J.W. Stirling, abayeka ukuyip'a izinto ezifanelekileyo, ezityiwayo nezambatwayo. Ide yadlula imfazwe leyo nento zayo; kuba unyana wenkosikazi le wasala apo yalusizi olo kunina, nasesizweni sonke sipela. Lite lakuxola, abafundisi bamcelela u nkosikazi isondlo ku Rulumente, wavuma u Rulumente wakwenza oko. Ngeloxesha zazingap'ezanga izandla zamapakati ukuzisa izipo kwinkosikazi; yaye imizi yezikolo nayo yenze ungcelele olunye; izihlobo ezimhlope azibanga semva nakanye ukuza nezazo izipo zobubele ku Sutu. Ngelixesha nayo intombi ka Mvanxeni yayise izibekele kwezinye isimo, yazihamba inkonzo ze Cawa, ayapuma kwindlu ka Yehova mhla ngengqele, namhla ngelanga. Ide yazinikela kwizicaka zo Somandla. Okunene ngomnyaka we 1880, ebudaleni bayo, yazaliswa intokazi ebulungwini obuzeleyo betyalike. Kute kupi impilo yabonisa ukungabi ntle, kwanzima kaloku kwintokazi ukuya ezinkonzweni ze Cawa. Bayikutalela abafundisi bayo nabashumayeli ngokumana ukuza kuyitandazela nokuyifundela izi B'alo ezi Ngcwele. Yaye intokazi yomfo ngelayo icala iya

ik'ula ngokuk'ula ukubabuka nokubatanda abantu bakowayo, nabe Lizwi, kunye nabafundisi bayo, isoloko ibabulela, ibayaleza nokuba maze babuye bapinde beze. Intombi zalenkosikazi zikufanele ukunconywa ngohlobo ezimonge ngalo unina. Ude wafika umhla we shumi kwinyanga ye Tupa kulomnyaka wesi Twayi (1885) emveni kokuba inkosikazi ivakalise umnqweno wokunga ingade iye kuba kunye no Msindisi wayo, wayitabata okunene ngolosuku.

Wasala waqukeza kaloku umzi we sikolo kunye naba fundisi bawo, kulungiselelwa ukup'elekezelelwa kwenkosikazi. Kwaxelwa 'zinkomo kwanje, ukwenzela abavela kude. Into ka Stirling yenza intshumayelo etyalikeni, kwatandaza umvangeli u Tobe Mndayi; emancwabeni kutete into ka Cumming. Laya incwaba lisecaleni lelompakati u Soga ka Jotelo. Baye abantu benganqenanga ukuza kuyik apa inkosikazi yabo.

Ibe njalo impilo nentlalo yalonkosikazi yakwa Rarabe, eyafika kwelilizwe kusatiwa kukwa Rarabe - yemka sekutiwa lizwe lakwa Ngqika ngenxa yenguqunguqu ezibekoyo. Iminyaka yokupila kwayo siyitelekelela kumashumi osibozo[2] anesitandatu. U Sutu ngemini zake wayeluncedo olukulu kubafundisi nentsapo zabo ngamaxesha emfazwe; kuba ubak'usele kakulu nge Mfazwe ye Zembe (1846), nangeka Mlanjeni (1850). Walila kunye nosapo olufelwe ngoyise ezimfazweni apo, - ngakumbi ngomhla wase Xesi (Boomah Pass) owaba nzima kunene kumagwangqa, lwak'ungela kuye usapo lwawo lulila.

[2] osibazo